



Mamela kumzimba wam

Noni
isiXhosa

African
Storybook.org

Namhlanye andiyi
esikolweni.

Yiholideyi!





Namhlanje andizubukela
umabona-kude/ iTV.

Akukho mbane!

Ndiza kwenza ntoni?

Namhlanje ndiza
kumamela kumzimba
wam!





Okokuqala, Ndiza kuthi
cwaka. Cwaka kakhulu.

Ukuze ndibe nokumamela
kumzimba wam.

Ewe, ngoku Ndiyawuva
umphefumlo wam.

Ngaphakathi...
ngaphandle ...

Ngaphakathi...
ngaphandle ...





Kwaye ndingawenza
umphefumlo wam ungxole
kakhulwana...

Ssssssssssssss!

Ngokuthe cwaka
Mmmmmm.



Kwaye ngoku ndiyayivavs
intliziyo yam, ibetha!

Doodom,
doodoom,
dooodoom.

Ndingayenza intliziyo yam
ihambe ngokukhawuleza
okanye ngokungxolayo?

Ewe, ngokuxhumela
phezulu naphantsi
ngamaxesha amashumi
amabini.





Ngoku, bona intliziyo yam
ibetha ngokukhawuleza.

Doodom,
doodoom,
dooodoom!



Kwaye ukuba ndibeka
iminwe yam esihlahleni
sam,

ngoko ke ndingakwazi
ukuva iPulse yam!

Kwaye ndiyaziva
ndihlekaleni sam

Haha
haha
haaah
haaa!





Kwaye ndilila

Bohoooohooo!

Kwaye ndihleka

Qhwa

Qhwaba

Qhwa

Qhwaba





Ndingasiva isisu sam
sixuxuzela

Guddu
guddu
guddu...

kwaye sisithi

ndityse'

ndityse'.





Kwaye impumlo yam iyaliva
ivumba leejalebisi
zigcadenka ekhitshini/
egumbini lokuphekela
likamama.

Kuluyolo ukuphulaphula
umzimba wam.

kwaye ngoku ndifuna
ukuva imihlathi yam
ihlafuna.





Kwaye nesisu sam
sigquma zijalebisi
ezimnandi nezishushu
zika mama!

Mamela kumzimba wam

Writer: Noni

Illustration: Angie & Upesh

Translated By: Ntombizodwa Gxowa-Dlayedwa

Language: isiXhosa

© Pratham Books, 2014



This work is licensed under a Creative Commons Attribution
(CC-BY) Version 3.0 Unported Licence

Disclaimer: You are free to download, copy, translate or adapt this story and use the illustrations as long as you attribute or credit the original author/s and illustrator/s.



**PRATHAM
BOOKS**

A Book in Every Child's Hand

Pratham Books is a not-for-profit organisation that publishes books in multiple Indian languages to promote reading among children. See www.prathambooks.org.

Saide 
South African Institute
for Distance Education

www.africanstorybook.org
A Saide Initiative